

Ngubani UYesu Kristu? (Inxalenye 3)

Isekelwe kwisahluko 4 sencwadi ethi, *Yintoni Ngokwenene Efundiswa YiBhayibhile?* efumanekayo ku-www.jw.org/xh.

INJONGO: Ukuhlolisisa oko ukukholelwayo, isizathu sokuba ukukholelwe, ukuhlola oko iBhayibhile ikutshoyo nokubona ukuba ungazicacisa njani iinkolelo zakho kwabanye.



WAYENGUMNTU ONJANI UYESU?

1 HLOLA IINKOLELO ZAKHO

Ucinga ukuba bangathini abanye abantu?

Yintoni oyikholelwayo *wena*?

Kutheni uyikholelwa loo nto?

UYesu wayengumceph' ucandiwe noYise, uYehova uThixo.


(Jonga isahluko 4 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile* isiqendu 15-19.)

Funda uYohane 14:9.

Wayetheth' ukuthini uYesu xa wathi: "Lowo undibonileyo mna umbonile noBawo"?

Funda uMateyu 9:35, 36; 21:12, 13; noMarko 10:13-16.

UYesu wabonisa njani ukuba namandla kunye nokuthantamisa kwangaxeshanye?



Itoliki ephum' izandla ayaneli nje ukudlulisela inkcazelo echanileyo kodwa kwaneemvakalelo. Ngokufanayo, uYesu wazidlulisela ngokuchanileyo iingcinga neemvakalelo zikaYise

UYesu wayenyanisekile.

(Jonga isahluko 4 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile* isiqendu 20.)

Funda uMateyu 4:1-11.

Ngokuxhathisa izilingo zikaSathana, uYesu wabonisa njani ukuba wayenyanisekile kuThixo?

UYesu wayethobekile.

(Jonga isahluko 4 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile* isiqendu 21-22.)

Funda amaFilipi 2:8.

Kwakutheni ukuze kufuneke uYesu abe kanti uthobekile ukuze enze izinto ezifunwa nguThixo?

Ziziphi ezona mpawu uzithandayo kuYesu?

3

CACISA IINKOLELO ZAKHO

UKUBA UMNTU UTHI...

Asinakumazi uThixo ukuba ungumntu onjani kuba akukho nokuba abe mnye owakha wambona.

UNOKUPHENDULA UTHI...

Yinyaniso kona ukuba akukho mntu wakha wambona uThixo. Kodwa ndikholelw' ekubeni uYesu unokusifundisa ukuba uThixo unjani kuba...

Nguwuphi umbhalo onokumfundela wona?

Ungawusebenzisa njani loo mbhalo?

UKUBA UMNTU UTHI...

UYesu wayebuthathaka; ekuphela kwento awayeyenza kukuthetha ngokuba nobubele nokuba nothando.

UNOKUPHENDULA UTHI...

Abantu abaninzi bangavumelana nawe. Kodwa mna andikukholelwa oko kuba...

Nguwuphi umbhalo onokumfundela wona?

Ungawusebenzisa njani loo mbhalo?
